



ISIBHENGEZO SOKUXHOMEKEKA
OMNYE KOMNYE

U-OneShared.World ngumbutho wamaphulo obanzi noquka wonke umntu, onabantu abasebenza kunye kwiinkcubekho, ekuhlaleni, kwizizwe, kwimibutho, kwiinkampani, kwizizukulwana nakwiintlanga ezahlukeneyo nabanomdla wokuqinisekisa ikamva elingcono loluntu nokugcineka kwekhaya lethu sonke ukuze lihlale likho.

Sizama ukukhuthaza ukubonakalisa inkululeko yobuntu bethu njengeyona nto isenza sibe namandla emhlabeni wonke ibe sisebenzela ukuba kubekho iinguqu zokwenene nezibonakalayo kwindlela izinto ezenziwa ngayo, ezilungelelaniswe ngayo, kwiinqubo nakwimiphumo size siqinisekise ukuba kwenziwa inkqubela ebonakalayo ekufikeleleni ezona ezona zinto zidingwa luluntu.

Kuba siqonda, njengoko ubhubhane we-COVID-19 uye wasikhumbuza ngamandla, ukuba sonke singabantu abajongene neengxaki ezixhaphakileyo ezifanayo, sithi:

Sikholelwa ukuba kukuqonda indlela esixhomekeke ngayo omnye komnye kunye nakuzo zonke izilwanyana kwakunye nakwizinto eziphila kwiplanethi yethu ekumele kube sisiseko seenzame zezempilo, zokhuseleko, kunye nekamva elizinzileyo;

Sivakalisa uxanduva lwethu sonke ekuqinisekiseni impilo-ntle yomntu wonke;

Sigxininisa into yokuba inkxalabo yentlalo-ntle yomntu wonke iqala kumntu ngamnye kwaye izinto esifuna ukuzenza, iinqubo kunye nemiphumo yoko sikwenzayo imele ibonise oko; ibe

Sikholelwa ukuba nakweli xesha lobunzima, ubukhulu beengxaki esijongene nazo abuyonto xa buthelekiswa noko sinokukuphumeza ukuba besinokumanyana ukuze sakhe umhlaba ongcono nobhetele.

Ngoko ke, u-OneShared.World wamkela esi sibhengezo silandelayo:

Iminqweno eqhelekileyo neyimfuneko yoluntu imelwa kakuhle Sisivumelwano se-UN, sisiBhengezo Samalungelo Oluntu, naziiNjongo Ezizinzileyo Zophuhliso esizixhasa ngokupheleleyo.

Nangona amaphondo ethu kunye nemibutho yamazwe ngamazwe eye afaka isandla ngendlela ebonakalayo kuxolo lomhlaba wonke, kukhuseleko, kuzinzo nakwimpilo-ntle, le mibutho iye yangqineka ingakwazi ukufikelela ngokwaneleyo ezona mfuno zethu ziqhelekileyo.

Nazi ezinye zazo:

- Ukusilela ukwenza izinto ezikwaziyo ukubona kwangaphambili, ukunqanda nokumelana nokusikhusela koobhubhane abafana ne-COVID-19;
- Ukusilela ukunqanda ukwanda okuyingozi kwezixhobo zenyukliya, zeehemikhali, zee-cyber, kunye nezinye izixhobo ezitshabalalisayo;
- Ukusilela ukulungisa ukutshintsha kwemozulu, ukunqanda ukonakaliswa kwendalo esingqongileyo, kunye nokukhusela ukusinda kwazo zonke iintlobo zezilwanyana kunye nozinzo lweplanethi yethu;
- Ukusilela ukukhusela abona bantu basesichengeni phakathi kwethu kwindlela, kukungondleki, kucalulo, kwizifo kunye nakukudakumba;
- Ukusilela ukwakha izinto eziqinisekisa izinto esikholelwa kuzo njengoko kusetyenziswa izinto eziqhelekileyo ezisemhlabeni wonke kunye nenkqubo yezemali nasekusetyenzisweni kweetekhnoloji zethu ezinamandla.

Ukungakwazi kwethu ukujongana nezi ngxaki zisisiseko kungunozala wokungahambiselani okukhoyo phakathi kwezinto eziphambili ezifunwa ngoorhulumente bamazwe kunye neemfuno zethu ezisisiseko njengabantu abahlala kwiplanethi enye. Ngoxa amazwe ethu kunye nemibutho yezizwe ngezizwe ihlala ibalulekile, sinokusombulua ezona ngxaki zethu zinkulu zehlabathi ngokwandisa umbono wethu kunye namandla okusebenzisana kunye.

Ngalo moya, sifuna ukwakha intsika yesithathu yamandla ehlabathi jikelele eyogqitha amazwe azimeleyo kunye namaziko ayimfuneko oorhulumente bamazwe jikelele abawenzileyo. Le intsika yesithathu yintshukumo engakhethiyo yomhlaba wonke kunye neqela lezopolitiko elimela inkululeko yabantu.

Siyaqonda ukuba amandla neminqweno yethu eqhelekileyo njengabantu kufuneka ixhase kwaye ibe nefuthe, ize ingathatheli ndawo umsebenzi obalulekileyo owenziwa ngoorhulumente abaninzi kunye namaziko ehlabathi.

Sifuna kwiinkokeli zala maziko kuwo onke amanqanaba ukuzibophelela ekuthathweni kwezigqibo ezisekelwe kulwazi neziqwalasela iimfuno zamazwe kwangaxesha-nye neemfuno zoluntu jikelele ukuze kuxhamle izizwe nezizukulwana.

Sikholelwa ukuba intshukumo yethu kufuneka yakhiwe ukusuka ezantsi ukuya phezulu isakhiwa luthungelwano lwabantu, lwemibutho, kunye namaziko asebenza kunye kwinqanaba lasekuhlaleni, lengingqi, lephondo, lamazwe, nelehlabathi jikelele.

Siyayiqonda into yokuba, nangona iteknoloji entsha ivumela amathuba anganakuthelekiswa nanto okusebenzisana, abantu ekufuneka babeyinxalenye yale nkqubo abakafikeleli kweli jelo lonxibelelwano lwehlabathi.

Siqonda ukuba ukungafani kwethu ngeyona nto isinika awona mandla makhulu, sibhengeza ukuxhomekeka omnye komnye kunye nezinto esimele sizenze noxanduva lwethu njengabantu kunye noluntu olwahlukileyo, imibutho, amaziko, kunye nezizwe zonke kule nto ngokudibeneyo. Sifunga ukuba:

1. Ukuxhasa ukuba kuziwe nendlela ebonisa ukucinga kwangaphambili, enqandayo nekwaziyo ukumelana nezinto ezikhoyo sonke ezisoyikisayo ukuze sikhuseleke kuzo;
2. Ukuqinisekisa ukuba nabona bantu kuthi bangenamandla bakwazi ukufumana inkululeko efanayo nabo baphezulu nabanamandla, ukuba ukufana kwethu njengabantu kuvuyelwe kungalitalwa indlela ekubaluleke ngayo ukwahluka, nokuba ubomi bethu obuxabiseke ngendlela efanayo buphileke ngesidima;
3. Ukusebenza ngqo okanye ekuhlaleni, ngeenkampani, ngemibutho nangeentlanga ukukhusela izinto uluntu olufana ngazo nekhaya lethu sonke;
4. Ukwenza kubekho indawo ekhuselekileyo emhlabeni wonke neza kuhla ihleli yazo zonke izinto neenkqubo zokuphila emhlabeni;
5. Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana nabantu basempilweni, bakhuselekile bahleli kakuhle nokuqinisekisa ukuba bafumana imfuno, ezonyango nokhuseleko ngendlela elinganayo;
6. Ukuxhasa nokwabelana ngazo zonke iindlela zokuzichaza ezichubekileyo ukunceda ukuba kuzo zonke iinkcubeko kubekho ukumanyana, ukuhloniphana, ukubaluleka nokuthethathethana; ibe
7. Ukuxhasa nokukhuthaza ubuntu ngokuthi sicingelane, sihlonelane, sivelane, sibe nobubele.

Ngokufaka amagama ethu kwesi sibhengezo, siyazibophelela ukuba senze kangangoko sinako ukuba sifikelele kule migaqo kwaye simema bonke abantu, iinkampani, imibutho neentlanga ukuba zimanyane ekulungiseni ezona ngxaki zinzima sonke esinazo.

Le nto ithetha ukuba, thina bantu bamazwe ngamazwe nabahlala emhlabeni omnye sibophelela omnye komnye amandla ethu obomi, amathuba enkqubela yethu kunye nesidima sethu esibekekileyo.